



IBANGA

3

INCWADI  
YOMFUNDI

# Platinum

## Imathematika

S Bota • G Agherdien • N Johnson • G Van der westhuizen

## Platinum Imathematika Ibanga 3 Incwadi Yomfundi

Maskew Miller Learning  
10 Freedom Way, Milnerton, Cape Town, 7441

© Maskew Miller Learning (Pty) Ltd 2022

Onke amalungelo agciniwe. Akukho ngxenye yale ncwadi inokuthi iphinde yenziwe ngokutsha, iigcinwe koomatshini okanye isasazwe nangaluphi na uhlobo, okanye nangayiphi na indlela, eyombane, eyomatshini, eyokufota ikopi, eyokurekhoda, ngaphandle kwemvume ebhaliweyo efumaneke kwangaphambili yalowo unelungelo layo nongumniniyo.

Ukuba ufuna imvume yokwenza ngokutsha nayiphi na ingxenye yale ncwadi, xhumana neSebe lamaLungelo neMvume kule nombolo 021 532 6000 okanye ungathumela i-imeyile kwi: [rightsgranting@mml.co.za](mailto:rightsgranting@mml.co.za). Ukumangalela ukophulwa kwe lungelo lokushicilela ungathumela i imeyile ku [copyright@mml.co.za](mailto:copyright@mml.co.za).

Ishicilelwe ngowama-2025

ISBN 978-1-779-83404-1  
ePDF 978-1-834-99070-5

Umpapashi ngu Thandi Kgosana  
Umhleli olawulayo ngu Khanga Slinda  
Yahlelwa ngu Christine de Nobrega  
Umhandle wencwadi uyilwe yi MML Visual Design  
Umfanekiso wekhava ngu MML Visual Design  
iNcwadi iyilwe yi MML Visual Design  
Imifanekiso ngu MML  
uMdibanisi wonobumba abaza kushicilelwa ngu STRAIVE kunye no Lizette Watkiss  
Ishicilelwe ngu

### Imibulelo

Umbhali kunye nomshicileli babulela aba balandelayo ngokusetyenziswa kwemifanekiso:

p11, Buch and Bee/Shutterstock; p12, Buch and Bee/Shutterstock; p14, jehsomwang/Shutterstock; p19, Buch and Bee/Shutterstock; p21, Buch and Bee/Shutterstock; p71, Buch and Bee/Shutterstock; p103, lilisunivers/Shutterstock; p131, Irina Skokova; p149, Mark\_Rimsky/Shutterstock; p202, xpixel/Shutterstock; p208, Mark\_Rimsky/Shutterstock; p212, Buch and Bee/Shutterstock; p213, Morphart Creation; p181, Morphart Creation; p99, Morphart Creation; p221, ViktorI; p225a, Zaie; p225b, Fancy Tapis; p227, hxdbzxy; p228a, Zaie; p228b, Fancy Tapis; p234a, PhotoVrStudio; p234b, Melissa Jooste; p236, Anadolu\_Dizgi/Shutterstock;

### Umbhalo:

p234, Reproduction authorized by the South African Reserve Bank

# Wamkelekile kwindlela yethu entsha yokufunda

Mfundi othandekayo,

Wamkelekile kule ncwadi yokufunda evuselelayo enomdla! Uya kudibana nabantu abamangalisayo; kanye njengokuba umntu ngamnye ebalulekile ngendlela yakhe, nawe ke ngokunjalo!

Uya kufumana oku kulandelayo kwincwadi yakho yokufunda, eya kukunceda ikukhokele kuhambo olumnandi oluzaliswe kukufunda nokuzimisela.

- **Masiqale:** Isihloko ngasinye siqala ngolwazi olubalulekileyo oza kufunda ngalo.
- **Ixesha lokuphonononga/lokuhlola/ lokuphicotha:** Imisebenzi eyonwabisayo ekukhuthaza ukuba uhlolisise iingcamango ezintsha, ufunde iingongoma ezifanelekileyo kwaye usombulule iiphazili.
- **Amagama amatsha:** Funda amagama amatsha aza kukunceda ukhulise isigama sakho.
- **Makhe sijonge:** Ekupheleni komxholo ngamnye, gqibezela imisebenzi evelayo ukuze uqhayise/uzingce ngendlela ofunde ngayo!
- **Uvavanyo (ukuhlola) olusemthethweni/:** Oku kuya kuhlola indlela oye wayiqonda kakuhle ngayo yonke into efundisiweyo ngokwekota nganye.

Le ncwadi iya kukukhuthaza ukuba usebenze wedwa, nakumaqela. Uya kucula, udanise kwaye ufunde ngaxeshanye. Qiniseka ngokulungiselela zonke iiklasi kwaye ubuze utitshala wakho imibuzo emininzi kangangoko unako.

Zilungiselele ukufunda, ukudlala nokuqamba nabahlobo bakho.

Ukufunda okonwabisayo.

# Iphepha lequlatho

## Ikota 1

Isihloko	Ikhasi
<b>Masiqale izibalo</b>	1
Masiqaleni izibalo	2
Uvavanyo lolwazi	3
Ukubala	5
Izibalo zokudibanisa nokuthabatha	9
Uzalano phakathi kodibaniso nothabatho	11
Chaza, thelekisa ulandelelanise	12
Izibalo zengqondo	15
Ukubala izinto ngokuthembekileyo	17
Ukutholekisa amanani	21
Ixabiso lendawo	22
Amaqhezu nokwabiwa kwawo	27
Ixesha	30
Iipateni kunye neemilo	33
Indawo-bume, ukufumana indawo, nemibono	36
Umlinganiselo nobude	38
IDatha nokuhlelwa kwayo	40
Veza izakhono zakho	46



## Ikota 2

Isihloko	Ikhasi
<b>Yongeza ngaphezulu izakhono zokubala!</b>	50
Uvavanyo lolwazi	51
Bala njengencutshe	52
Ucwangciso lwamanani	58
Izibalo ezongezelelweyo	60
Udibaniso olukhokelela kuphinda phindo nolwahlulo	62
Iipateni ezisingqongileyo	63
Iisimboli zamanani namagama amanani	65
Izibalo zentloko	67
Ukusombulula ingxaki kwizibalo	71
Amaqhezu nokwabiwa kwawo	78
Umlinganiselo	83
Ixesha	84
Iipateni neemilo	87
Idatha nokuqokelelwa kolwazi	92
Veza izakhono zakho	99



## Ikota 3

Isihloko	Ikhasi
<b>Ukuphono-nonga ihlathi lezibalo</b>	105
Uvavanyo lolwazi	106
Ukubala	108
Izibalo zengqondo	109
Ukubala usiya phambili nokubuya umva	114
Izibalo zengqondo	120
Ukuchaza, ukuthelekisa nokulandelelanisa amanani	122
Ukuthabatha kumgca manani	124
Ixabiso lendawo elimi kuyo inani	126
Ukudibanisa nokuthabatha	128
Ukudibanisa ngokuphinda phindeneyo okukhokelela kuphinda phindo	130
Amaqhezu nokwahlulwa kwawo	133
Ukwahlulahlula	138
Imali: ukusombulula izibalo zemali, iitotali nokutshintshela	140
Ixesha	143
Indawo-bume, nemibono	150
Ukuqokelela nokucwangcisa ulwazi	152
Ukuhlola iNdawo kunye neMilo eklasini yethu	154
Veza izakhono zakho	156





## Ikota 4



Isihloko	Ikhasi
<b>Ukulungiselela unyaka ozayo</b>	158
Ukulungiselela unyaka ozayo	159
Uvavanyo lolwazi	160
Izibalo zengqondo	161
Ukuhla unyaka kulandelelwano lwamanani	168
Ukuthlekisa amanani	169
Ukwahlula-hlula	172
Ukubala izinto ngokuthembekileyo	175
Ukubala okungekhomxholweni	178
Ixabiso lendawo elimi kuyo inani	182
Ucazululo lwamanani ngokwexabiso lazo	184
Ukudibanisa nokuthabatha	187
Imali	190
Amaghezu nokwabelana ngawo	192
Ukukwahlula nokusebenza ngeentsalela	198
Ubude	202
Umlinganiselo	204
Ixesha	205
Ulwimi lwendawo kunye nembonakalo	208
Ukuqokelela idatha	210
Ukudibanisa Amagama-manani kunye neesimboli!	212
Veza izakhono zakho	214

# Isetyenziswa njani le ncwadi




Lungela ukufunda, ukudlala kunye nokwenza nabahlobo bakho.  
Kumnandi ukufunda!

# Ikota yoku-1: Masiqale izibalo

## Izihloko ezifundwayo

- Masiqaleni izibalo
- Uvavanyo lokuqala
- Ukubala
- Izibalo zokudibanisa nokuthabatha
- Uzalano phakathi kodibaniso nothabatha
- Chaza, thelekisa ulandelelanise
- Izibalo zengqondo
- Ukubala izinto ngokuthembekileyo
- Ukuthelekisa amanani
- Ixabiso lendawo
- Amaqhezu nokwabiwa kwawo
- Ixesha: iwotshi, intsuku zeveki nekhuleni
- Iipateni kunye neemilo
- Umlinganiselo
- IDatha nokuhlelwa kwayo
- Veza izakhono zakho



# Masiqaleni izibalo

## Linganjani ilizwe ngaphandle kokubala



Esikolweni sethu sima ngomgca ukugcina ucwango kungabikho kwenzakalisana kwabantwana.



Xa usekhaya ungaxakwa nakukubhaka ukuba awazi ukuba mawugalele umlinganiselo ongakanani na. Ukudlala imidlalo kunganzima.



Emarikeni xa sithenga imifino neziqhamo kunganzima kakhulu, kuba akunakuzazi nokuba unayo na imali eyoneleyo okanye mawuthenge ama-apile amangaphi.

# Uvavanyo lolwazi

## 1. Bala usiya phambili, ubale ubuya umva.

Fakela amanani ashinyiweyo ngokubala usiya phambili nasemva.

- 17; 18; 19; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_
- 54; 53; 52; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_
- 95; 96; 97; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_
- 180; 179; 178; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_
- \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 149; 150; 151

## 2. Iisimboli namagama amanani

a. Tshatisa igama nenani.

Amashumi asixhenxe anesibhozo	53
Amashumi alithoba anesibini	78
Amashumi mahlanu anesithathu	92

b. Bhala inani Lophawu **Ishumi elinesihlanu.**

## 3. Ukudibanisa nokuthabatha

- Une orenji ezi-12 wafumana ezi-5 ngaphezulu. Zingaphi iiorenji onazo zizonke?
- Ithini impendulo ye  $15 - 6$ ?
- UTom unelekese ezi-18. Waza wanika umhlobo wakhe ezi-7. Zingaphi iilekese ezishiyekileyo zizonke?

## 4. Izinto ezinokwakheka kuka 3-D

- Yeyiphi into eyisilinda?
- Yeyiphi into eyityhubu?



A



B



**5. Ixesha**

- a.** Kungolwesi ngaphi namhlanje?
- b.** Ngomso omnye kuzakuba ngolwesi ngaphi?

**6. Ukusombulula ingxaki**

- a.** Yeyiphi inyanga yesithathu enyakeni?
- b.** Zeziphi iintsuku zeveki?
- c.** Ukuba nguMvulo namhlanje, iyakuba ngowuphi umhla emva kwentsuku ezine?
- d.** ULameez une R15, uthenga into yokudlala nge R9. Ushiyeke namalini?
- e.** Ibhasi inezitulo izingama 20, izitulo ezisi 7 sele sezihleliwe. Zingaphi izitulo ezingasebenzanga?

# Ukubala

Uyakwazi ukubala ngeendlela ezahlukeneyo. Umzekelo, ubale ngo-1 ngoluhlobo: 1; 2; 3; 4; 5; ...

Unganakho ukubala usiya phambili okanye ubale ubuya umva ngo-1 ukusuka nokuba kukweliphi inani phakathi ko- 0 kunye ne 100.

## Umzekelo owenziweyo

Bala uye phambili nasemva ngo-1.  
Bhala lamanani.

1. 0; 1; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_

2. 19; 18; 17; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_

3. \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 95; 96; 97

4. 174; 173; 172; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_

### Isisombululo:

1. 0; 1; **2; 3; 4**

2. 19; 18; 17; **16; 15; 14**

3. **92; 93; 94**; 95; 96; 97

4. 174; 173; 172; **171;**  
**170; 169**



## Umsebenzi

Fakela amanani ashisiweyo.

1. 1; 2; 3; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_;

2. 10; 11; 12; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_;

3. \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 34; 33; 32; 31; 30

4. \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 76; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 72

5. \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 50; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 54





# Ukubala usiya phambili nokubala ubuya umva ngoo no 2, 3 4


Ungakwazi ukubala nango:

2: 2; 4; 6; 8; 10; .....

3: 3; 6; 9; 12; 15; .....

4: 4; 8; 12; 16; 20; .....


Ukubala ngo-2



Ukubala ngo-3



Ukubala ngo-4



### Uphindo:

Impendulo ithi uyifumane xa uphinda-phinda inani elinye ngenani elipheleleyo





## Umzekelo owenziweyo

1. Bala uye phambili nasemva ngo-2.

a. 0; 2; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_

b. 31; 29; 27; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_

c. \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 70; 72; \_\_\_; \_\_\_

2. Bala uye phambili nasemva ngo-3.

a. 0; 3; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_

b. 42; 39; 36; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_

c. \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 70; 73; \_\_\_; \_\_\_

3. Bala uye phambili nasemva ngo-4.

a. 0; 4; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_

b. 27; 23; 19; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_

c. \_\_\_; \_\_\_; 66; 70; \_\_\_; \_\_\_

## Iimpendulo

1. a. 0; 2; 4; 6; 8

b. 31; 29; 27; 25; 23; 21

c. 64; 66; 68; 70; 72; 74; 76

2. a. 0; 3; 6; 9; 12

b. 42; 39; 36; 33; 30; 27

c. 61; 64; 67; 70; 73; 76; 79

3. a. 0; 4; 8; 12; 16

b. 27; 23; 19; 15; 11; 7

c. 58; 62; 66; 70; 74; 78



# Umsebenzi

1. Fakela amanani ashinyiweyo. Bala ngo-2.

- a. 2; 4; 6; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_
- b. 26; 24; 22; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_
- c. \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 30; 32; 34; 36; 38
- d. \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 68; 66; 64; \_\_\_; \_\_\_
- e. \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 50; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 58



2. Khuphela uze ufakele. Bala ngo-3.

- a. 1; 4; 7; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_
- b. 22; 19; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_
- c. \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 30; 33; 36; \_\_\_
- d. \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 56; 53; 50; \_\_\_; \_\_\_
- e. \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 23; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 35



3. Khuphela uze ufakele. Bala ngo-4.

- a. 2; 6; 10; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_



# Izibalo zokudibanisa nokuthabatha

Xa sibala **sibheka phambili, sidibanisa (+)** inani elifanayo ngexesha elinye.

Xa sibala **sibuya umva, siyathabatha (-)** inani elifanayo ngexesha elinye.

## Umzekelo owenziweyo

Bala usiya phambili ngezi-5 ukusuka nakwesiphi isiphindwa sesi-5 phakathi kuka-35 nama-50	Bala ubuya umva ngezi-5 ukusuka nakwesiphi isiphindwa sesi-5 phakathi kuka-50 no 35
$35 + 5 = 40$	$50 - 5 = 45$
$40 + 5 = 45$	$45 - 5 = 40$
$45 + 5 = 50$	$40 - 5 = 35$
Bala usiya phambili ngama-10 ukusuka nakwesiphi isiphindwa se 10 phakathi kuka-35 nama-65	Bala ubuya umva ngama-10 ukusuka nakwesiphi isiphindwa se-10 phakathi kuka-35 nama-65
$35 + 10 = 45$	$65 - 10 = 55$
$45 + 10 = 55$	$55 - 10 = 45$
$55 + 10 = 65$	$45 - 10 = 35$



Bala usiya phambili ngama-100 ukusuka nakwesiphi isiphindwa sama 100 phakathi kuka-100 no-500	Bala ubuya umva ngama-100 ukusuka nakwesiphi isiphindwa se 100 phakathi kuka-500 ne 100
$100 + 100 = 200$	$500 - 100 = 400$
$200 + 100 = 300$	$400 - 100 = 300$
$300 + 100 = 400$	$300 - 100 = 200$
$400 + 100 = 500$	$200 - 100 = 100$




## Umsebenzi

- Fakela amanani ashuyiweyo. Bala ngezi-5.
  - 0; 5; 10; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_
  - 50; 45; 40; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_
- Khuphela uze ufakele. Bala ngama-10.
  - 0; 10; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_
  - 70; 60; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_
- Khuphela uze ufakele. Bala ngama-100.
  - 100; 200; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_
  - 500; \_\_\_; \_\_\_; 200; \_\_\_



# Uzalano phakathi kodibaniso nothabatho



**Umzekelo:**  $45 + 5 = 50$  kunye  $50 - 5 = 45$

Sithi udibanisa kunye noku thabatha **ngumguqulelo**.

## Umsebenzi

I. Khuphela uze ufakele ezi mpawu.

Impawu	Uguqulelo lophawu
a. $5 + 1 = \underline{\quad}$	b. $\underline{\quad} - 1 = 5$
c. $8 + \underline{\quad} = 10$	d. $10 - \underline{\quad} = 8$
e. $10 - 3 = \underline{\quad}$	f. $3 + \underline{\quad} = 10$
g. $25 + 30 = \underline{\quad}$	h. $\underline{\quad} - 30 = 25$
i. $\underline{\quad} + 13 = 100$	j. $100 - \underline{\quad} = 13$
k. $195 - \underline{\quad} = 135$	l. $135 + \underline{\quad} = 195$

# Chaza, thelekisa ulandelelanise

Xa silungisa uxwebu lwamanani ukusuka kwamancinci ukuya kwamakhulu, sithi amanani alungiswe **ngokwenyuka**.

Xa silungisa uxwebu lwamanani ukusuka kwamakhulu ukuya kwamancinci, sithi amanani alungiswe **ngokwehla**.


## Umzekelo owenziweyo

1. Qala ngenani elincinane ukuya kwelikhulu.

- a. 2; 4; 3; 0; 1
- b. 22; 18; 21; 20; 19; 17
- c. 37; 31; 35; 33; 29; 27

Qala ngenani elikhulu ukuya kwelincinane.

- d. 34; 10; 26; 2; 6; 14; 22; 18; 30
- e. 35; 20; 45; 30; 25; 40; 50; 15
- f. 50; 60; 10; 80; 70; 20; 40; 30



## Iimpendulo

- 1. a. 0; 1; 2; 3; 4 – bala ngo nonye
- b. 17; 18; 19; 20; 21; 22 – bala ngo nonye
- c. 27; 29; 31; 33; 35; 37 – bala nge zibini
- d. 34; 30; 26; 22; 18; 14; 10; 6; 2 – bala nge zine
- e. 50; 45; 40; 35; 30; 25; 20 – bala nge zihlanu
- f. 80; 70; 60; 50; 40; 30; 20; 10 – bala ngama shumi



## Umsebenzi

1. Lungisa la manani uqale ngelincinci uyokuma kwelikhulu ulandela ipateni yokubala ngo-1, 2, 3, 4, 5, 10 okanye 100.
  - a. 175; 179; 180; 177; 173; 176; 174; 178
  - b. 20; 16; 10; 26; 14; 18; 22; 24; 12
  - c. 56; 77; 74; 59; 68; 71; 62; 65
  - d. 18; 14; 38; 26; 30; 22; 10; 34

## Ukubala usiya phambili nokubala ubuya umva ngesi-2, 3, 4

### Umzekelo owenziweyo

1. Khuphela uze ufakele. Bala nge-2.      a. 190; 192; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_
2. Khuphela uze ufakele. Bala nge-3.      b. 185; 188; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_
3. Khuphela uze ufakele. Bala nge-4.      c. 164; 168; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_
4. Khuphela uze ufakele. Bala nge-5.      d. 175; 180; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_
5. Khuphela uze ufakele. Bala nga-10.      e. 150; 160; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_

### Isisombululo:

- a. 190; 192; 194; 196; 198; 200      b. 185; 188; 191; 194; 197; 200
- c. 164; 168; 172; 176; 180; 184      d. 175; 180; 185; 190; 195; 200
- e. 150; 160; 170; 180; 190; 200



## Umsebenzi

- I. Khuphela uze ufakele. Bala ngo-2.      a. \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 196; 198; 200  
 Khuphela uze ufakele. Bala ngo-3.      b. 198; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 183  
 Khuphela uze ufakele. Bala ngo-4.      c. 179; 175; \_\_\_; \_\_\_; 163  
 Khuphela uze ufakele. Bala ngo-5.      d. \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 195; 200  
 Khuphela uze ufakele. Bala nga-10.    e. \_\_\_; \_\_\_; \_\_\_; 180; 190; 200

Khumbula

Lemibuzo yezibalo lkhawulezileyo zikunceda ukwazi ukucinga nokuzimela. Uzakuzilungiselela ukudibanisa, ukuthabatha, ukuphinda-phinda, ukwahlula amanani ukuya kutsho kuma-200.




# Izibalo zengqondo

## Iindlela nobuchule bokufundisa ukubala

Izibalo zenhloko sisipho esidibanisa sixazulule iingxaki zezibalo engqondweni ngokukhawuleza, ngaphandle kokusebenzisa iphepha, ikhatyuleyita okanye isixhobo.

Inceda ilungise utsho uyazi injongo yamanani nangaphezulu, ube nendlela yokusebenzisa amanani ngokulula. Xa uphendula imibuzo yezibalo ngokukhawuleza, uye uzithembe utsho ulungiselele nezibalo ezinzima.



### Umsebenzi

Phendula le mibuzo ngentloko.

1. Dibanisa okanye yongeza
  - a. Ngubani u  $150 + 30$ ?
  - b. Ngubani u  $180 + 20$ ?
2. Thabatha okanye susa
  - a. Ngubani u  $200 - 75$ ?
  - b. Ngubani u  $200 - 120$ ?
3. Phinda-phinda
  - a. Phinda-phinda 45.
  - b. Phinda-phinda 60.





### 1 Beka inani elikhulu kuqala.

**Umzekelo:** Kwingxaki engu  $45 + 150$ , qala nge 150 udibanise 45. Le ndlela ilula kunoku qala nga 45 udibanise 150.



### 2 Sebenzisa umgca-manani.

**Umzekelo:** Sombulula  $120 - 30$ , qala nge 120 ku mgca manani uze uhambe 30 ezithuba ukuya ngase khohlo, uyokuphela ku 90.



# Ukubala izinto ngokuthembekileyo

## Igadi yokutya kuka Alo




UAlo uncedisa umama wakhe ukukha imifuno egadini. Namhlanje, bavune iitumato ezili-12, iiorenji ezi-8 kunye ne tapile ezi-6. Ukubala imifuno kunceda uAlo ayazi ukuba mingaphi imifuno abanayo.








# Umsebenzi

1. UALO unetumato ezibomvu ezili-12, iorenji ezi-8 kunye ne tapile ezi-6.



- a. Zingaphi itumato kunye ne orenji anazo xa zizonke?
- b. Ukuba batye iitumato ezi-3 zingaphi iitumato ezishiyekileyo?

2. Uhakeel uqokelele ezi zinto zingezantsi ukuze zimncede kwi sakhono sakhe sokubala nokusombulula ingxaki.



- a. Zingaphi izinto athe uShakeel wanazo kumfanekiso ngamnye?
- b. Bhala impendulo yakho kumbuzo **a.** igama lenani.



## Ukubala ukuya kuma-180

Ezi Mpawu ziqala kwi-0 ukuya kwi-9, yaye zidityanisiwe ukwenza amanani amakhulu. Umzekelo, ukuba ndinama 25 kudityaniswe ama- 20 kunye ne 5 (amashumi amabini anesihlanu).




Amagama amanani ngamagama esiwasebenzisa ukubonisa la manani empawu ngokubhala impawu. Umzekelo, inani lempawu kuma-250 abhalwa ngamagama njengama khulu amabini anamashumi amahlanu.

### Umzekelo owenziweyo

1. Bhala eli nani ngamagama ngama-482.
2. Bhala eli nani ngamagama -123.

### Isisombululo

1. Amakhulu amane anamashumi asibhozo anesibini
2. Ikhulu elinamashumi mabini anesithathu





## Umsebenzi

1. Jonga lamanani alandelayo. Biza amagama awo uwakhwaze.

198


156

250

179

220


2. Bhala iisimboli zala magama manani alandelayo.
- Amakhulu amabini anamashumi amathathu anesibini
  - Amakhulu mane aneshumi elinesibini
  - Likhuli linamashumi asithoba anesithoba
3. Bhala inani ngamagama kula manani esimboli.
- Ama-214
  - Ama-249
  - Ama-238
  - Li-125



# Ukuthelakisa amanani


Xa sithelakisa amanani, kufuneka sithi inani **likhulu kuno**, **lincinci kune** okanye **liyalingana** nelinye inani. Sisebenzisa impawu ezahlukeyo ukusinceda sikwazi ukuthelakisa.

**Mkhulu kuno (>):** Olu > phawu lithetha inani elinye likhulu kunelinye inani




Umzekelo,  $18 > 12$  ithetha uli-18 mkhulu kuno li-12.

**Mncinci kuno (<):** Olu < phawu ithetha inani elinye lincinci kunelinye inani



Umzekelo,  $12 < 18$  ithetha uli-12 mncinci kuno li-18.

**Ziyalingana (=):** Olu = phawu lithetha ukuba amanani amabini ayafana.



Umzekelo,  $18 = 18$  ithetha uli-18 uyalingana noli-18.



## Umsebenzi

I. Thelekisa amanani. Uze usebenzise u >, < okanye = ukwakha ezi nkcazelo zibe yinyani.

a.  $2 \underline{\quad} 5$

b.  $5 \underline{\quad} 2$

c.  $17 \underline{\quad} 10$

d.  $10 \underline{\quad} 17$

e.  $32 \underline{\quad} 27$

f.  $95 \underline{\quad} 59$

g.  $112 \underline{\quad} 121$

h.  $167 \underline{\quad} 176$

i.  $176 \underline{\quad} 167$

j.  $45 \underline{\quad} 40 + 5$

k.  $40 + 5 \underline{\quad} 40 + 5$

l.  $45 - 5 \underline{\quad} 40 + 5$

m.  $200 - 74 \underline{\quad} 96 + 6 + 24$

# Ixabiso lendawo

## Chonga ixabiso lendawo lenani ngalinye

Ukuba usakhumbula kakuhle **ixabiso lendawo** libonisa ukuba lindawoni inani njenge ntsika yamashumi okanye intsika yemivo. Umzekelo, Ixabiso lendawo ka-3 kuma-135 uzi-3 ngamashumi.

**Ixabiso** libonisa indawo yenani ukuba liyintoni xa ucazulula amanani. Umzekelo, ixabiso lama-55 ku ama-50 + 5.

**Ixabiso lendawo:** indawo yenani kulapho inani lihlala khona.


**Indawo:** Ilapho Inani linexabiso xa ngaba licazululwe

Amagama  
amatsha

## Umzekelo owenziweyo

Jonga **kwibloko ye Dayisi**.

1. Bhala ixabiso lendawo yebloko.
2. Mangaphi amakhulu, amashumi nemivo kulo mfanekiso ungezantsi.



### Isisombululo

1.	<b>Amakhulu(kh)</b>	<b>Amashumi (T)</b>	<b>Imivo (M)</b>
	4	3	1

2. Amakhulu amane amashumi amathathu ananye



## Umzekelo owenziweyo

Yintoni ixabiso lendawo lenani elikrwelelwe umgca ngaphantsi?

### Isisombululo

<u>78</u>	
<b>Amashumi</b>	<b>Imivo</b>
7	8

Ixabiso lendawo lenani u-7 ngamashumi.



## Umsebenzi

- USipho unama-38 wezitikha. Ufumene e zingama- 26 wezitika zingaphezulu kum hlobo wakhe. Zingaphi izitikhazi anazo uSipho zizonke?
- Cazulula la manani ngokwa mashumi nemivo uze uwadibanise.



a.  $24 + 45 = \square$

b.  $56 + 16 = \square$

c.  $70 + 11 = \square$

d.  $42 + 53 = \square$

e.  $61 + 26 = \square$

f.  $64 + 32 = \square$



## Umzekelo owenziweyo

UZamile unezitikhazi ezingama-38. Ufumene izitika ezingama-26 ngaphezulu kumhlobo wakhe. Zingaphi izitikhazi anazo uZamile zizonke?

### Iimpendulo:

Kuqala dibanisa amashumi:  $30 + 20 = 50$

Uze udibanise imivo:  $8 + 6 = 14$

$50 + 14 = 64$ , ngoko ke  $38 + 26 = 64$

UZamile unezitika ezingama-64 zizonke.



## Umsebenzi

Kuqala dibanisa amashumi. Uze udibanise imivo.

$$24 = 20 + 4$$

$$45 = 40 + 5$$

1.  $24 + 45 = \square$

2.  $64 + 32 = \square$

3.  $56 + 16 = \square$

4.  $42 + 53 = \square$

5.  $61 + 26 = \square$

6.  $70 + 11 = \square$



## Umzekelo owenziweyo

### Fakela amanani achanekileyo:

U-5 ngaphantsi kuma- 562 nga \_\_\_\_ kunye ne-100 ngaphantsi kuma-562 nga \_\_\_\_.

### Isisombululo:


Isi-5 ngaphantsi kuma-562 nga **567** kunye ne-100 ngaphantsi kuma-**562** ngama-662.



## Umsebenzi

Fakela amanani angafakwanga.

1. I-10 ngaphantsi kuma- 697 nga \_\_\_\_ kunye ne-100 ngaphantsi kuma- 697 nga \_\_\_\_.
2. I-10 ngaphantsi kuma- 235 nga \_\_\_\_ kunye ne-100 ngaphantsi kuma- 235 nga \_\_\_\_.






## Umzekelo owenziweyo

- Bonisa u- $4 \times 9$  ngo phinda phindo udibanisa.
- Yehlula ibe ngamaqela: ama- $36 \div 4$

### Isisombululo

1.  $4 \times 9 = 9 + 9 + 9 + 9 = 36$

2.  $36 \div 4 = 9$







## Umsebenzi


- Khuphela uze ugqibezele enye yolu-phinda-phindo.
  - $6 \times 3 = \square$
  - $4 \times 5 = \square$
  - $5 \times 5 = \square$
  - $3 \times 7 = \square$
- Khuphela uze ugqibezele enye yokwahlula.
  - $40 \div 5 = \square$
  - $30 \div 10 = \square$
  - $24 \div \square = 12$
  - $50 \div \square = 5$
- Phinda-phinda.
  - $4 \times 5 = \square$
  - $3 \times 7 = \square$
  - $\square \times 2 = 18$
  - $5 \times \square = 30$
- Yahlula
  - $40 \div 5 = \square$
  - $24 \div \square = 12$
  - $\square \div 2 = 15$
  - $50 \div \square = 5$

# Amaqhezu nokwabiwa kwawo



## Umzekelo owenziweyo

Jonga kwimicwe.



1. Mingaphi imicwe elinganayo ku xande olwahluliweyo?
2. Mingaphi imicwe efakwe umbala?
3. Leliphi iqhezu elifakwe umbala?





## Iimpendulo

1. 4 imicwe elinganayo
2. 4 imicwe efakwe umbala elinganayo
3.  $\frac{3}{3} = 1$  into epheleleyo




### Umsebenzi




**Phambi kokuba ityiwe    Emva kokuba ityiwe**

1.
  - a. Mangaphi amaqhekeza alinganayo epitsa eyahlulwe ngawo?
  - b. Mangaphi amaqhekeza epitsa angatyiwanga?
  - c. Leliphi iqhezu le-pitsa elishiyekileyo?
  
2. Jonga kwesi sikwere.
  - a. Mangaphi amalungu alinganayo kwesi sikwere awahluliweyo?
  - b. Mangaphi amalungu afakwe umbala?
  - c. Mangaphi amaqhezu afakwe umbala?





3. Sebenzisa amaqhezu afakwe umbala ukuphendula imibuzo.



- a. Mangaphi amaqhezu alinganayo? Bhala amagama wawo
  - b. Leliphi Iqhezu elingafakwanga mbala kwi sangqa ngasinye?
  - c. Fakela umbala ubemnye kwi qhezu u-D. Leliphi iqhezu ku-D elinombala?
4. u-Amaya uphatha ama-30 elekese eskolweni. Wohlula iilekese zakhe ngokulinganayo phakathi kwezihlobo zakhe ezi-5. Zingaphi iilekese ezifunyanwa sisihlobo sakhe ngasinye??
5. USandy kunye nabafundi bebanga lakhe baya kumzi wezilwanyana nge bhasi. Kukho ama-84 abakhweli ebhasini. I-12 labakhweli ngamantombazana. Bangaphi abakhweli abangamakhwenkwe?

## Ukuxela ixesha



Entloko



Ngumkhono emva



Licala emva







Ngumkhono phambi



## Umsebenzi

1. Bhala ixesha. Sebenzisa amagama afana nala **licala emva** kwe **mkhono phambi**.



2. Ngubani ixesha eliboniswe kwi wotshi, ukuba isiba leyure liku-3 kunye nesiba lemizuzu liku-6?

A. 3:00

B. 3:30

C. 3:15

D. 3:45



## Funda imihla kwiikhalenda



### Umsebenzi

- I. Sebenzisa ikhalenda EyoKwindla 2026 ukuphendula imibuzo.

## EyoKwindla 2026

Icawe	Mvulo	Lwesibini	Lwesithathu	Lwesine	Lwesihlanu	Mgqibelo
1	2	3	4	5	6	7
8	9	10	11	12	13	14
15	16	17	18	19	20	21
22	23	24	25	26	27	28
29	30	31				

- Zingaphi iintsuku ezikwinyanga ka YoKwindla?
- Zingaphi iiCawa ezikule nyanga?
- Kutheni bebaninzi oLwesibini kuno Lwesine
- Yeyiphi inyanga eza emva ko kwenyanga yoKwindla?
- Yeyiphi inyanga eza phambi kweyoKwindla?
- Izakuqala ngoluphi usuku inyanga elandelayo?
- Yeyiphi iholide enge 21 kweyoKwindla?



2. Sebenzisa ikhalenda ka Tshazimpunzi 2026 ukuphendula imibuzo

## uTshazimpuzi 2026

Icawe	Mvulo	Lwesibini	Lwesithathu	Lwesine	Lwesihlanu	Mgqibelo
			1	2	3	4
5	6	7	8	9	10	11
12	13	14	15	16	17	18
19	20	21	22	23	24	25
26	27	28	29	30		

- a. Ungoluphi usuku evekini umhla we 15 Tshazimpuzi 2026?
- b. Ukuba namhlanje ngumhla we- 8 Tshazimpuzi, ngubani umhla kwiintsuku ezi-10 ezizayo?
- c. Zingaphi iintsuku ezikhoyo phakathi ko- 1 Tshazimpuzi kunye no -15 Tshazimpuzi?
- d. Umhla wokuzalwa kuka Emily unga 21 Tshazimpuzi. Ungoluphi usuku umhla wakhe wokuzalwa?

# Iipateni kunye neemilo

Iipateni zejiyometri zipateni zezinto, imilo okanye imizobo ephindiweyo. Iipateni yenziwa zimilo ezininzi.

Ndiyenzile eyam ipateni. Eyam ipateni inye, zimbini, inye. Wenze eyiphi ipateni, Azra?



Ndenze ipateni ngeziciko ezinkulu nezincinci. Iipateni yam ngubini, nye, nye.



## Yintoni ipateni yakho?


Abahlobo ababini, uKheti kunye noAzra, baqokelele iziciko zebhotile kunye namaplanga etyhubhu kunye nemilo ukwakha iipateni.



### Umsebenzi

Iipateni zejiyometri

1. Yeyiphi imilo ye-3D elandelayo kule pateni?
2. Ityhubhu, Ixhowuni, iprizimu, \_\_\_\_\_
3. Isilinda, Isifiye \_\_\_\_\_, \_\_\_\_\_, \_\_\_\_\_, \_\_\_\_\_






### Umsebenzi

UAzra wakha iipateni ngeetyhubu.

1.
  - a. Chazela umhlobo wakho nge pateni kaAzra.
  - b. Bhala phantsi ipateni kaAzra ngawakho amagama.
  - c. Khuphela ipateni yakhe.

Kungenzeka ntoni ukuba ndinokudibanisa izikwere kunye nezanqa?

2. Jonga kwipateni kaKheti.
  - a. Cacisa ngamagama ipateni.
  - b. UKheti ufuna ukuqhubeka nge pateni yakhe. Uzakuzihlela njani imilo ezilandelayo?



3. UAzra wakhe iipateni esebenzisa iityhubu eziboniswe ngezantsi





- a. Cacisa ipateni kaAzra kumhlobo wakho.
- b. Khuphela uze ugqibezele itheyibhile. Chaza ipateni yetyhubu eyakhiwe nguAzra, Uyandise ipateni ukuze iyokufika kwisi-5 se pateni.


<b>Isitephu</b>	1	2	3	4	5
<b>Amanani etyhubu</b>		4			



4. Gqibezela ufakele, unyuse le pateni ngezitephu ezibini



isilinda




ubude


ityhubhu

ukuphakama

ukuphakama



inqanaba




iprism  
yoxande

Matanisa ezifanayo



## Umsebenzi

I. Matanisa ii-3D ezifanayo, uze uzichaze amagama wazo.




# Indawo-bume, ukufumana indawo, nemibono

Masihlaziye lamagama endawo. Sebenzisa umzimba wakho njengesalathiso. Yolatha kwindawo nganye echazwe ngezantsi nokuzalana kumzimba wakho.



## Umsebenzi

Ecaleni ko phambi ko ngemva ekunene  
 ekhohlo phezulu phantsi ngaphantsi  
 ngaphezulu ngokuchaseneyo





imaketi; ijim; ibanki; library: Iziko lencwadi




1. iHolo yedolophu ise \_\_\_\_\_ kwe Venkile yezihlangu.
2. Ibhanki ime \_\_\_\_\_ kwemaketi neziko lencwadi.
3. IMaketi ime \_\_\_\_\_ kwindawo yokugcinisa imoto.
4. Iziko lencwadi lingase \_\_\_\_\_ kwisitalato iMay.

# Umlinganiselo nobude

## Umlinganiselo ongekho sesikweni

Sinokusebenzisa ubude besandla ukulinganisa ubude bezinto. Ubude besandla sakho ngumgama ukusuka kubhontsi ukuya kucikicane xa isandla sakho sivuleke ngokupheleleyo. Jonga indlela yokulinganisa ubude bedesika yakho usebenzisa isandla sakho.



ubude besandla



### Umsebenzi


1. Linganisela ubude bezi zinto usebenzisa ubude besandla sakho.
2. Ngoku linganisa ubude besandla sakho ngakwi rula uze ubhale ubude nge sentimitha (cm).
3. Khuphela uze ugqibezele itheyibhile.

	Ubude ngomphakathi wesandla	Ubude kwi sentimitha
Ipensile		
Incwadi yokufunda		
Idesika		



## Umsebenzi

Funda iimilo uze uphendule imibuzo.



1. Bhekisa kwimilo 1 ukuphendula le mibuzo
  - a. Qikelela ubude awo omathathu amacala.
  - b. Sebenzisa irula ukulinganisa amacala amathathu.
  - c. Thelekisa ixabiso eliqikelelweyo kwixabiso lwakho elilinganisiweyo.
2. Bhekisa kwimilo 2 ukuphendula le mibuzo.
  - a. Qikelela ubude bayo omane amacala.
  - b. Sebenzisa irula ukulinganisa amacala omane.
  - c. Thelekisa ixabiso eliqikelelweyo kwixabiso lakho elilinganisiweyo.
3. Bhekisa kwimilo 3 ukuphendula le mibuzo.
  - a. Qikelela ubude bawo omane amacala.
  - b. Sebenzisa irula ukulinganisa amacala omane.
4. Thelekisa amacala emilo ezi 2 kunye nezi 3.
  - a. Kwezi milo zintathu yeyiphi ebanzi?
  - b. Yeyiphi eyona milo inde?

# IDatha nokuhlelwa kwayo

## Uthengiso lwe jezi

Ngunyaka wokuqala ka Ben kwesisikolo sakhe esitsha. Kwesisikolo abana yunifom ifanayo. UBen wajonga impahla ababeyinxibile. Wabala yonke imibala yejezi ababezi nxibile wafumana imibala emihlanu yejezi, 3 uluhlaza, 4 ubomvu, 1 uzuba, 7 luhlaza, 6 mnyama, kunye ne 8 pinki.

Wenza uluhlu lokucalula imibala yejezi kwi theyibhile eboniswe ngezantsi.

Umbala wejezi	bomvu	zuba	hlaza	mnyama	pink
Ukubala ngezinti					
Inani lesimboli					

Le theyibhile yenze kube lula ukubona ukuba umnyama wayengowona mbala ugqame kakhulu.

